UNIVERSITEIT • iYUNIVESITHI • STELLENBOSCH • UNIVERSITY

100

1918 · 2018

Matie Othandekayo Owamkelwa Ngokutsha

**UMBUTHO WEMIZI YABUCALA YOKUHLALA ABAFUNDI KWI-YUNIVESITHI YASE-STELLENBOSCH**

Sivuyisana nawe ngokwamkelwa kwakho, phantsi kwemiqathango, kwinkqubo yemfundo ephakamileyo kwiYunivesithi yaseStellenbosch (SU). Singathanda ukukwamkela ngo-2021.

Injongo yale leta kukuchazela wena ngemizi yethu yabucala yokuhlala abafundi. KwiYunivesithi yaseStellenbosch, abafundi abamalunga nama-70% ababhalisileyo bahlala kwiindawo zokuhlala zabucala. Abo bafundi batyunjelwe ukungena kumbutho wemizi yabucala yokuhlala abafundi (private student organisation (PSO) communities) nobabonelela ngamathuba amaninzi wokuzidibanisa nabanye ngempumelelo ngokwasentlalweni nakwimfundo kwikhampasi. Ii-PSO zimiselwe ukubonelela abafundi abahlala kwiindawo zokuhlala zabucala ngamava ancumisayo naziintlobo ngeentlobo okuba kwiyunivesithi. Ngoko ke, amava ngezinto ezipheleka ikharityhulam ndawonye nalawo aqokelelwa ngaphandle kwamagumbi okufundela ngomnye wemiba ephambili yophuhliso lwabafundi ekugqaliswe kuyo kwiYunivesithi yaseStellenbosch (SU).

**Yintoni iPSO?**

I-PSO ngumbutho osekelwe ukunika inkxaso kubafundi beYunivesithu yaseStellenbosch abahlala kwiindawo zokuhlala zabucala. Ii-ePSO ziphantsi kolawulo lweZiko leMizi yBafundi (Centre for Student Communities – CSC) nelawulwa ziinkokeli zabafundi ezonyuliweyo ngokusebenzisana nabaququzeleli bePSO, abakwi-ofisi yePSO.

I-PSO iququzelela uqhelaniso lwabafundi bayo abatsha kwanokubabonelela ngokufikelela kwezemidlalo, ezenkcubeko nemisebenzi yaseluntwini ndawonye namathuba ophuhliso lobunkokheli. Abafundi abatsha bakwanikwa umcebisi okwangomnye wabo ngokuncedwa yiPSO yabo. Sikholelwa ekubeni ukwakhiwa kwale nkxaso kunegalelo lokuba iYunivesithi yaseStellenbosch ivelisele uluntu abantu abanezidanga abachubeke ngokupheleleyo.

**Nceda uqaphela:** Ii-PSO *azifuneli* bafundi iindawo zokuhlala. Ukuba awuzukuhlala kwindawo yokuhlala abafundi yaseYunivesithi, kufuneka uzifunele indawo yokuhlala ngokwakho.

**Ndingenza njani ukuze ndibelilungu lePSO?**

Bonke abafundi ababhalisileyo abangahlali kwiindawo zokuhlala zeYunivesithi yaseStellenbosch babangamalungu ngoko nangoko. Imirhumo yokubalilungu lePSO kunyanzelekile ukuba ihlawulwe; loo mali itsalwa kwi-akhawunti yakho yobufundi de kufikelele ixesha lokugqityezelwa kwezifundo zesidanga see-Onazi.

Abafundi babucala bafakwa ngaphandle kokhetho kwimizi yeePSO ezilishumi ngokoMgaqo-nkqubo wokufakwa kwaBafundi weYunivesithi yaseStellenbosch. Awuvumelekanga ukuba utshintshele kwenye iPSO ukusuka kwenye, kwaye ukukhethwa kwakho kuhlala kungenatshintsho de kufikelele ixesha lokugqibezela izifundo zakho kwiYunivesithi yaseStellenbosch. Zonke iiPSO zibonelela ngenkxaso yezentlalo nezemfundo emgangatho ufanayo yoluntu neyemfundo ephakamileyo, kwaye zikunika ithuba lokufikelela kumaziko akhoyo abonelelwa

iihlokondiba ngalinye (iqela lee-PSO). Ukubalilungu lehlokondiba nelePSO kukuvumela ukuba uthathe inxaxheba kwimisebenzi emininzi eyenziwayo njengo-Matie. IiFakalthi zemfundo zifaka abafundi kumaqela afundiswa bucala ngokwehlokondiba labo.

**Indlela yokunxibelelana ngomnatha wothungelwano lwe-intanethi kwiPSO**

Nanjengoko ithuba lokuqhambuka kweCOVID-19 lenze ukuba sonke singabikho kwikhampasi, iYunivesithi yaseStellenbosch isebenzise eli thuba ukunabisa unxibelelwano nge-intanethi. Oku kube nesiphumo sokuba abafundi babenokufikelela kumathuba amaninzi aluncedo ekuqinisekiseni ukuba bahlala beqhagamshelene nekhampasi nomfundi ngamnye. Ii-PSO ziyiguqulele loo meko imisebenzi yazo ngexesha lango-2020 ukunceda amalungu azo ngamathuba okunxibelelana ngomnatha wothungelwano lwe-intanethi ukususela ekuxhasweni ngokufunda nokucetyiswa ukuya kufikelela kunxibelelwano ngezentlalo ngomnatha wothungelwano lwe-intanethi.

Imizi yee-PSO ihlala iziindawo zokunceda abafundi ekufikeleleni kunxibelelwano lwabo lwasekhampasini, nto leyo iqinisekisa ukuba ixesha labo eStellenbosch linamathuba amaninzi ophuhliso nawezentlalo nangona bengabanganako ukunxibelelana ubuso ngobuso okwangoku. Njengoko uqelelwaniso lwabantu kweli ziko luphambili “kwisiqhelo esitsha” sethu, iiPSO ziya kuhlala zithe gqolo ukuziguqula nokuguquka ngenjongo yokubonelela ngamathuba onxibelelwano ngomnatha wothungelwano lwe-intanethi nokunceda abafundi beYunivesithi yaseStellenbosch babe nempumelelo ngala maxesha angoku athandabuzisayo.

Ngenxa yempumelelo yobuchule bokubanjwa kweengxoxo ngomnatha wothungelwano lwe-intanethi ngo-2020, nokuthatha kwabafundi inxaxheba ngokuzimisela, kwenziwa izicwangciso zokuguqula amava ePSO ngo-2021 ukuze abe kumila kuhlanganiswe namanye nokuyakuthi kunike abafundi, abasuka kwezinye iindawo nabo bahlala ekhampasini, ukufikelela lula nangakumbi kumava wolwazi oluphangaleleyo kwikhampasi. Xa uthe wafumana iPSO yakho uza kubanako ukunxibelelana nePSO yakho. Yisebenzise, kuba ibonelela ngamathuba amaninzi onxibelelwano ngomnatha wothungelwano lwe-intanethi nayakuthi abesisandulela sokwamkelwa nokuqhelaniswa kwakho ngo-2021.

Ileta ebhalelwe wena nesuka kwiPSO owabelwe yona, ekunika iinkcukacha ezingenkqubo yokwamkelwa kwakho noqhelaniso lwakho ngo-2021, iya kulandela kamva. Ukwamkelwa kwabafundi abatsha kwiYunivesithi yaseStellenbosch kulindileke ukuba kuqalise ngomhla we-03 kuMatshi 2021.

**Iinkcukacha ezithe vetshe**

**Ukufumana iinkcukacha ezithe vetshe malunga nokwakhiwa kwePSO nceda ujonge ku www.sun.ac.za/pso.**

Njengoko kuchaziwe ngentla apha, i-ofisi yePSO ayinako ukukubonelela ngeenkcukacha ezimalunga nendawo yokuhlala yabucala. Kodwa ke, nceda ujonge kweli phepha lilandelayo lewebhusayithi, apho uyakuthi ufumane uncedo khona malunga noko: www.maties.com > accommodation > private accommodation.

Ngemibuliso emihle kuwe Matie

**I-OFISI YE-PSO**
pso@sun.ac.za

Sentrum vir Studentegemeenskappe | Centre for Student Communities
Studentesake | Student Affairs
Privaat Sak | Private Bag X1, Matieland 7602
Tel. +27 (0)21 808 9111 | www.sun.ac.za/studentesake